UMbali noHlumelo bahamba bencokola ngelixa begoduka.

Akukho mafu kwisibhakabhaka.





UMbali noHlumelo baleqana edlelweni.
UMbali unqakula uHlumelo.

Akukabikho mafu kwisibhakabhaka.

UHlumelo ubonisa uMbali amabhabhathane. Baleqa amabhabhathane edlelweni.

Ngoku amafu ayafingana





UHlumelo noMbali bayama bakhe iintyantyambo. UMbali unukisa intyatyambo.

Amafu aya esiba mnyama kodwa ilanga lisagqatsile.

UHlumelo noMbali bajonga isibhakabhaka.

Ngoku amafu abumbene kodwa kusekho ilanga.





Ngesaquphe imvula iqalisa ukuna! UMbali noHlumelo bacula emvuleni. Badlala uqaphela ndikhule.

Ubumnandi obabulapho!

UHlumelo noMbali babaleka ukugoduka. Bafika uMama sele ebalinde ngeetawuli ezinkulu ezimbini. UMama uncuma athi, “Kubonakala ngathi nizakudinga isambreli nangemini enelanga!”

